- ukukhuthaza amaziko olondolozo lwembali ukuba akwazi ukwenza ingeniso kwaye asebenzise ezinye iindlela zokufuna inkxaso-mali ukuze kutshintshwe kwaye kugcinwe amaziko olondolozo lwembali, nokuqinisekisa ukuba azinzile
- ukubonelela ngesicwangciso-nkqubo somgqaqo-nkqubo wolawulo lwamaziko olondolozo lwembali ngokuphangaleleyo
- ukubonelela ngesicwangciso-nkqubo senkxaso-mali kwicandelo lamaziko olondolozo lwembali eNtshona Koloni

- ukubonelela ngesicwangciso-nkqubo sotshintsho ekuqokelelweni kwezinto, kwimiboniso nakwiinkqubo ezenzelwe uluntu
- ukumisela imigaqo neenkonziso ezisebenzayo, ezifanelekileyo nezinoqoqosho, kubandakanya iimfuno zokuphicothwa kweencwadi nezokunika iingxelo
- ukukhuthaza intsebenziswano nokuququzelelwa kweNkonzo zoLondolozo lweMbali, amaziko olondolozo lwembali, nezinye iinkalo zikarhulumente nezamafa enkubeko, amaziko ezemfundo nawenza uphando
- ukubonelela ngesicwangciso-nkqubo sokufikelela kumathuba oqeqesho oluqinisekisiweyo nawophuhliso avunyiweyo nawamkelekileyo kumalungu ebhunga elilawulayo, kubasebenzi nakumavolontiya
- ukubonelela ukuba kufunyanwe izinto ezibalulekileyo ezenziwe ngabantu, naziphi na izinto, imiboniso okanye nakuphi na okuqokelelweyo
- ukubonelela ngesicwangciso-nkqubo samaziko sokukhuselwa kwezinto ezibalulekileyo ezenziwe ngabantu, naziphi na izinto, imiboniso okanye nakuphi na okuqokelelweyo okusengxakini
- nokwenza kubekho isicwangciso-nkqubo sokwazisa ngamaziko olondolozo lwembali nokukhuthaza ezokhenketho kwinkcubeko yethu nakwezamafa enkubeko.

2. ISICWANGCISO-NKQUBO SOMGAQO-SISEKO

Lo Mgaqo-nkqubo ubhekisele kwisicwangciso-nkqubo esibonelelwe kuMgaqo-siseko wesizwe, uMthetho we-108 ka-1996, kwaye ugqale koko kuqulathwe kumaziko olondolozo lwembali esizwe akwimida yePhondo leNtshona Koloni. Ujoliswe kumaziko olondolozo lwembali ngaphandle kwamaziko olondolozo lwembali esizwe ngokwegunya lomthetho wephondo ngokungqinwa yiShedyuli yesi-5 kuMgaqo-nkqubo wesiZwe. Uza kuqwalasela ingakumbi kumalungiselelo amiselweyo kuMthetho oYilwayo wamaLungelo oLuntu kwiSahluko sesi-2 kuMgaqo-siseko wesiZwe nangokwemithetho-siseko nangokwamalungiselelo oorhulumente abasebenzisanayo phakathi kweenkalo zikarhulumente nangokukhuthazwa konxibelelwano kumacandelo asebenzisanayo karhulumente.

Amalungiselelo awodwa omthetho wamaziko olondolozo lwembali akwiPhondo leNtshona Koloni ngokuphathelele namaziko olondolozo lwembali esizwe aza kwaziswa ngokusemthethweni kuphela emva kokuba kudityenwe noMphathiswa wesizwe ojongene nezobuGcisa neNkcubeko.

Ngaphaya koko, umgaqo-nkqubo nomthetho wamaziko olondolozo lwembali uya kuma ngokoMgaqo-siseko weNtshona Koloni, uMthetho 1 ka-1998. Ngokommiselo onika umkhombandlela woMgaqo-siseko wePhondo kwiSebe leMicimbi yeNkcubeko nemiDlalo yePhondo leNtshona Koloni iSebe malamkele kwaye liphumeze ngokwemigaqo-nkqubo ukuze kuphunyezwe kwaye kugcinwe intlalo-ntle yabantu baseNtshona Koloni, kubandakanywa imigaqo-nkqubo ejolise ekukhuselweni nasekugcinweni kwamafa endalo, enkubeko nawezakhiwo eziseNtshona Koloni ukuze isizukulwana esikhoyo nesizayo sizuze koku. Umgaqo-siseko wephondo uyachaza ukuba le mithetho-siseko kufuneka ikhokele iSebe ukuze likwazi ukwenza nokusebenzisa imithetho.

Unxibelelwano oluphakathi kwamaziko olondolozo lwembali angaphantsi kwesebe nalawo aphantsi koomasipala luza kufuna ingcaciso eyenye nanjengoko uninzi lwamaziko olondolozo

Iwembali aphantsi kwesebe ekwizakhiwo eziphantsi koomasipala basekuhlaleni. Ezi zakhiwo zazivulelwe ukubonelela amaziko olondolozo lwembali xa amaziko olondolozo lwembali ethathwa njengamaziko ancedwa ngumasipala wokuhlala okanye liphondo ngokwe-Museum Ordinance, enguNombolo 8 ka—1975 okanye kwizandulelo zoko.

3. IINKCAZELO

“ubhaliso lwezinto eziqokelelweyo” luthetha ingxelo okanye iinkcukacha ezigciniweyo ezibhaliweyo okanye zamanani apho zonke izinto eziyinxalenye yezinto eziqokelelweyo zamaziko olondolozo lwembali ziye zigcinwe khona.

“ingqokelela” ithetha ukuqokelelwa kwemiboniso okanye izinto ezifunyenwe liziko okanye ezikwiziko ngeenjongo zokuzigcina, ziboniswe uluntu okanye kuphandwe ngazo.

“Isebe” lithetha iSebe leMicimbi yeNkcubeko, imiDlalo noLonwabo kuRhulumente wePhondo leNtshona Koloni elinoxanduva lokujongana nemicimbi yenkcubeko ingakumbi kwiinkonzo zolondolozo lwembali.

“ibhunga elilawulayo” lithetha umntu osemthethweni omiselwe ukuthathela kuye ukuphathwa nokulawulwa kweziko lolondolozo lwembali kwaye oko kubandakanya, phakathi kwezinye izinto, ibhodi yabathenjwa, ibhodi yokujongana nolawulo, iikomiti ezilawulayo, ibhodi yolawulo, iimanyano nabantu abazimeleyo

“umqondiso wenkcazo” ubhekisele kumbhalo ofezekisa kuphela umba womboniso womsebenzi weziko lolondolozo lwembali

“ilifa lenkcubeko elingenakuchukunyiswa” lithetha izenzo, imiboniso, ukuvakaliswa, ulwazi nezakhono ezithi ngamanye amaxesha ziqatshelwe luluntu, ngamaqela nomntu ngamnye njengenxenywe yelifa labo lenkcubeko (KwiNgqungquthela yokuKhuselwa kweLifa leNkcubeko elingenakuchukunyiswa, kwi-UNESCO, ngowama-2003)

“ilifa lenkcubeko eliphilayo” lithetha imiba engenakuchukunyiswa yenkcubeko elilifa eye yafunyanwa, kwaye ingachaphazela oku—

- (a) izithethe kwezenkcubeko
- (b) imbali ebaliswayo
- (c) ukwenza izinto nemidlalo
- (d) amasiko
- (e) izikhumbuzo ezaziwayo
- (f) izakhono nobuchwepheshe
- (g) iinkqubo zolwazi lwemveli
- (h) indlela equkayo ngokunxulumelene nendalo, uluntu nentlalo

“umasipala” onenkcazelo ebhekiselele kuleyo ichazwe kwicandelo le-155(6) kuMgaqo-siseko woMzantsi Afrika ka-1996.

“iziko lolondolozo lwembali” lithetha iziko elingajonganga nzuzo, elikho ngokusisigxina ukunceda uluntu kwaye lineenjongo zokuphuhlisa kwaye livulelekile eluntwini, elifumana, lilondolozwe, lenze

uphando, linxibelelane kwaye lenze imiboniso, ngokweenjongo zokufunda, zemfundo nokuzonwabisa, zobungqina obubonakalayo babantu nemimandla abakuyo.

“iinkonzo zamaziko olondolozo lwembali” zibandakanya ukuququzelelwa kokwenziwayo kumaziko olondolozo lwembali; ukubekwa kwemigangatho elindelekileyo kumaziko olondolozo lwembali nokubekwa emgangathweni kwezenzo ezichubekileyo; amalungiselelo amathuba oqeqesho; ukunikwa kwemvume egameni layo, ukunika iingcebiso okanye uncedo kumaziko olondolozo lwembali nakwimiqondiso echazayo enemisebenzi nebonelela amaziko olondolozo lwembali ngobugcisa obuthile nangamaziko aluncedo

“uMgaqo-siseko weSizwe” uthetha uMgaqo-siseko woMzantsi Afrika, uMthetho we-108 ka-1996

“amaziko olondolozo lwembali esizwe” ngamaziko olondolozo lwembali aseke ngokomthetho ngeenjongo zokuseka amaziko olondolozo lwembali esizwe apasiswe kwiPalamente yeSizwe

“ukulondolozwa” kuthetha izenzo okanye iinkqubo ezisetyenziswayo ukuthathwa kwamanyathelo afunekayo okugcinwa kwesimo esikhoyo, ngendlela enobulungisa nezinto eziphathekayo ezenziwe ngumntu, izinto okanye indawo

“uMgaqo-siseko wephondo” uthetha uMgaqo-siseko wePhondo leNtshona Koloni, uMthetho woku-1 ka-1998

“okubalulekileyo” kuthetha ixabiso okanye ukubaluleka kwezinto ezenziwe ngabantu, izinto jikelele, ingqokelela okanye iindawo ngokobuhle bazo, ngokokwakhiwa kwazo, ngokwembali, ngokwezenzululwazi, ngokwentlalo, ngokweenkolelo, ngokolwimi okanye ngokwezeteknoloji

“umbutho orhumayo” okanye *“umbutho wabahlobo beziko lolondolozo lwembali”* uthetha umbutho ofumana uncedo lwemali okanye olunye uncedo nenkxaso yamaziko olondolozo lwembali athile nonamalungu arhumayo rhoqo ngonyaka kwiimali zeziko lolondolozo lwembali imali engekho ngaphantsi kwaleyo imiselweyo libhunga elilawulayo lelo ziko lichaphazelekayo.

4. IINGQUNGQUTHELA ZEHLABATHI

Uninzi lweengqungquthela zehlabathi ziyinxalenye yomthetho woMzantsi Afrika ngokwecandelo lama-231 kuMgaqo-siseko wesizwe. Zizo ezi:

- iNgqungquthela ngokuKhuselwa kwePropati yeNkcubeko xa kukho uMlo weziXhobo (ka-1954)
- iNgqungquthela ye-UNESCO ngeendlela zokuThintela nokuNqanda ukungeniswa kweli lizwe nokukhutshwa kwezinto ngokungekho mthethweni zisisiwa kwamanye amazwe nokugqithiselwa kobunini bePropati yeNkcubeko ngokungekho semthethweni (ka-1970);
- iNgqungquthela ye-UNIDROIT engokubiwa okanye ukuthunyelwa kwamanye amazwe ngokungekho mthethweni kwezinto zeNkcubeko (ka-1995)
- iNgqungquthela ye-UNESCO ngokuKhuselwa kweLifa leNkcubeko elingenakuChukunyiswa (yowama-2003); kunye
- neNgqungquthela ye-UNESCO ngokuKhuselwa nokuKhuthazwa kweNtlobo ngeentlobo zokuBonakaliswa kweNkcubeko (yowama-2005).

Ngokommiselo wesicwangciso-nkqubo sowiso-mthetho weRiphabhliki yoMzantsi Afrika nangokubhekiselele kwezezimali zeSebe lo mgaqo-nkqubo, ungakwazi ngokusemandleni awo

ukuncedisana namaziko olondolozo lwembali nemimiselo ewiswe zinkomfa zehlabathi ngokubhekiselele kumaziko olondolozo lwembali nelifa lemveli.

5. UXANDUVA LOMPHATHISWA WEPHONDO OJONGENE NEMICIMBI YENKCUBEKO

UMphathiswa wePhondo ojongene neMicimbi yeNkcubeko kuRhulumente wePhondo leNtshona Koloni uya kusebenzisa amagunya akhe njengoko kubekiwe kwisicwangciso-nkqubo somgaqo-siseko nakumthetho wephondo ophathelele kumaziko olondolozo lwembali. Amalungiselelo aya kwenziwa ngokunikezelwa kwamagunya kaMphathiswa wephondo kumagosa aphezulu aqeshwe lisebe.

6. INJONGO YAMAZIKO OLONDOLOZO LWEMBALI

Amaziko olondolozo lwembali ngamaziko ekufuneka ephendule asekelwa nagcinelwa ukuze asetyenziswe ukunceda uluntu. Ngokwesimo nokubonakalisa ingqondo, iimpawu nokuqonda uluntu nomntu ngamnye malunga nokusingqongileyo kwendalo, kwezembali nokwenkcubeko, ngokuqokelelwa, ukugcinwa kumaxwebhu, ukulondolozwa, kwiinkqubo zophando nezemfundo ezijongana neemfuno zoluntu. Eyona njongo iphambili yamaziko olondolozo lwembali kukukhusela nokulondolozwa ilifa lethu lenkcubeko ngokubanzi. Iziko lolondolozo lwembali kufuneka lenze nantoni na eneenjongo zokufunda ngezenzululwazi efunekayo ukuqonda nokuseka intsingiselo yazo nokuxabiseka kwazo ebantwini. Oku kuya kuxhasa ukuziphatha ngokufanelekileyo kwehlabathi ngokubhekiselele ekulondolozeni, ekukhuseleni nasekunwenweni kwelifa lenkcubeko nelendalo. Umngqophiso wemfundo weziko lolondolozo lwembali, nokuba uyeyiphi na indlela, ubaluleke njengomsebenzi wenzululwazi. Amaziko olondolozo lwembali ngoko ke anoxanduva lokuzazisa ekuhlaleni. Yonke le misebenzi kufuneka ivunywe phantsi kwemiqondiso yolawulo olululo nabalawuli abanoxanduva lokujongana nezibonelelo zayo. Inkcazelo ethi “iziko lolondolozo lwembali” ngoko ke ibonakalisa iimpawu ezintathu ezibalulekileyo:

- Amaziko olondolozo lwembali akanakujongwa ngokwezakhiwo eziwabonelela ngendawo, okubalulekileyo kokuphakathi kwezo zakhiwo, izinto eziqokelelweyo nezinto zendalo, zembali nezenkcubeko. Kanti ke kwezinye imeko amaziko olondolozo lwembali ayanxulunyaniswa nezakhiwo akuzo ngeendlela ezahlukeneyo. Uninzi lwezakhiwo zendalo eziseNtshona Koloni zithathwa njengeziza zenkcubeko yephondo ngokoMthetho weSizwe weziBonelelo zeLifa leNkcubeko iNational Heritage Resources Act, uMthetho wama-25 ka-1999, kwaye/okanye onxulumene nembali okanye nokubaluleka kweziko lolondolozo lwembali.
- Okwesibini, amaziko olondolozo lwembali ngamaziko eenkumbulo zoluntu ezinemisebenzi yokuqokelela, ukulondolozwa, ukuphanda, ukufundisa nokwenza ukuba ilifa elizuziweyo laloo ndawo okanye loluntu, lendalo, lembali nelenkcubeko lifikeleleke eluntwini. Kubalulekile ukuqaphela ukuba noxa amaziko olondolozo lwembali ekwiindawo ezithile; indima yawo yodlula imida yasekuhlaleni njengoko inegalelo ekuqondiseni isizwe, iphondo nasekuhlaleni, ekwakheni isizwe nokubonakalisa ngeempawu zesizwe.
- Okwesithathu, ngokwale misebenzi, amaziko olondolozo lwembali abonakalisa isimo nonxulumano olukhoyo loluntu nokubangqongileyo kwendalo, kwembali nokwenkcubeko.

7. IXABISO LAMAZIKO OLONDOLOZO LWEMBALI: IZIXHOBO ZOKUDIBANA KOLUNTU NOKUBANDAKANYEKA KWALO

Amaziko olondolozo lwembali ngamaziko aqokelela, akhusela nawenza ukuba izinto ezenziwe ngabantu, imiboniso nokuqokelelweyo abanako kufikeleleke ngokokuthenjwa luluntu. Uluntu lona lunokulindela ukuba amaziko olondolozo lwembali agcine oko kuqokelelweyo egameni lawo; kuqwalaselwe ekusebenzeleni uluntu; kukhuthazwe abantu ukuba bahlole oko kuqokelelweyo ukubavuselela, ukubafundisa nokubonwabisa; ukudibana nokubandakanya uluntu; ukufumana izinto ngokunyanisekileyo nangendlela ethathela kuyo uxanduva; ukukhusela umdla woluntu wexesha elide kwezo zinto ziqokelelweyo; ukuqwalasela koko abantu banomdla wako abo bazenzileyo ezo zinto, bazisebenzisayo, ezizezabo, abaziqokeleleyo okanye abazinikezeleyo kuloo ngqokelela; abaxhasa ukukhuselwa kokusingqongileyo kwendalo nabantu; uphando, ukwabelana nokutolika iinkcukacha ezinxulumene nengqokelela yezinto, ezibonakalisa iimbono ezahlukeneyo, nokuhlola umsebenzi ukwenza inguqulelo notshintsho.

Amaziko olondolozo lwembali enzululwazi, embali nobugcisa angachongwa ngamanye amagama amaninzi. Ngenxa yezinto eziqokelelweyo kuzo nezinye ezayanyaniswa nawo zenza igalelo elilodwa nelinempumelelo eluntwini ngenxa yoku kulandelayo:

- ukubonelela ngamathuba okufunda
- ukwenza ukuba kusetyenziswe okuqokelelweyo neenkukacha ezinxulumene noko ukwandisa ulwazi
- ukuvuselela ubuchule bokwenza izinto nomoya wokwazi ukuphanda
- ukwenza ukuba uzingce ngendawo, ukumanya nokuquka uluntu
- ukuxhasa uqoqosho ekuhlaleni ngokwezokhenketho nokudala isimo esisiso sasekuhlaleni
- ukubonelela ngamathuba okuphuhliswa kweziqo ukwenzela ukuba abantu ngokweziqo noluntu ngokubanzi baphuhle ngokwazi indima amabayenze ekuhlaleni, babe nebhongo ngelifa labo lemveli nokwamkelana ngokweenkcubeko ezintlantlo-ninzi
- ukudala isimo sokhuseleko ngamaxesha otshintsho kuluntu
- ukonwabisa nokufundisa iindwendwe.

Oku kumele indima ebanzi kwaye akukho ziko linezibonelelo ezaneleyo zokusebenzisa ngokupheleleyo onke amathuba ngaxeshanye. Amaziko olondolozo lwembali anempumelelo ngalawo:

- aziqondayo imeko zopolitiko, zentlalo nezozoqoqosho apho zisebenza khona
- abonelela ngemisebenzi neenkqubo eziqwalasela kwigalelo elifanele kanye loo meko
- agcina isimo sexesha elide esiza kwenza ingqokelela yeemyuziyam zifaneleke kwiimeko ezitshintshayo.

Ngoko ke amaziko olondolozo lwembali:

- anceda abantu baqonde ilizwe ngokusebenzisa izinto nezimvo ukutolika ixesha elidlulileyo nelangoku nokuhlola ingomso
- alondolozwa ze aphande ngoko kuqokelelweyo, nokwenza ukuba izinto neenkukacha zifikeleleke kweyona mimandla ifanelekileyo neyinyani

- asekwa ngokujonga oko uluntu lunomdla kuko njengemibutho esigxina nengajonganga nzuzo enegalelo lexabiso lexesha elide eluntwini
- axhaswa ngamavolontiya (abantu nemibutho) naluluntu.

8. ULAWULO OLUMANYANISIWEYO LWAMAZIKO OLONDOLOZO LWEMBALI

Onke amaziko olondolozo lwembali aphantsi kwesebe aya kulawulwa ngokwemimiselo yolawulo olululo, kubandakanywa:

- ukunika ingxelo
- ukwazisa
- ukunxibelelana nabantu
- ukuzimisela ngokwezikhokelo ezibanzi zamaziko olondolozo lwembali aphantsi kwesebe
- ukufikelela kwabatyeleli nabenza uphando koko kuqokelelweyo nakwiinkcukacha
- intsebenziswano
- iinkcubeko ezininzi
- iilwimi ezininzi
- ukuziphatha ngokusesikweni.

Angaphezu kwe-122 amaziko olondolozo lwembali aseNtshona Koloni. Oku kuquka malunga ne-10% yawo onke amaziko olondolozo lwembali asekw e-Afrika. Kwezinye iimeko, amaziko axhaswa “njengamaziko olondolozo lwembali” awafikeleli kokulindelekileyo okwamkelekileyo ngokwemigangatho elindelekileyo yehlabathi kwaye alahlekisa abatyeleli malunga nemisebenzi neenjongo zawo. Ngoko ke kubalulekile ukuba amaziko olondolozo lwembali abe phantsi kwesebe kwiNkonzo yoLondolozo lweMwali yeNtshona Koloni. Oku kuya kuqinisekisa ukuba amaziko olondolozo lwembali ayafikelela kwimigangatho elindelekileyo ukuze akwazi ukonwabela imeko ebekekileyo yoluntu nakubatyeleli nokuqinisekisa amava angawo kubatyeleli.

Abameli abakwibhunga lolawulo lwamaziko olondolozo lwembali baya kuqinisekiswa ngokweemeko zokuzibandakanya kwiziko lolondolozo lwembali ngalinye, kunye neemfuno zabo bachaphazelekayo abamelweyo kumabunga. Umthetho wamaZiko oLondolozo lweMwali ePhondo leNtshona Koloni uza kunika igunya lokuchonga abameli bebhunga elilawulayo.

Apho kukho imibutho erhumayo okanye apho kukho omnye oye wasekwa ngeenjongo zokubonelela ngemali nangenye inkxaso kumaziko olondolozo lwembali azibandakanyileyo, loo mibutho iya kuba nabameli kwibhunga elilawula amaziko olondolozo lwembali.

9. UKUSEKWA KWEKOMITI ENIKA IINGCEBISO KUMAZIKO OLONDOLOZO LWEMBALI EPHONDO

UMphathiswa wephondo ojongene neMicimbi yeNkcubeko uya kuseka iKomiti eNika iiNgcebiso kumaZiko oLondolozo lweMwali aseNtshona Koloni. Injongo yale komiti kukuba icebise uMphathiswa kwimiba ephathelele kumaziko olondolozo lwembali eNtshona Koloni. Iya kuba nabameli abasuka kwabo bachaphazelekayo kwaye kuya kufuneka idibane kanye ngonyaka ubuncinane. Le Komiti iya kuba namagunya okunika iingcebiso kuphela.

10. UKUSEKWA NOKUGCINWA KWEENKONZO ZAMAZIKO OLONDOLOZO LWEMBALI ENTSHONA KOLONI

ISebe noRhulumente wePhondo leNtshona Koloni baya kuseka babonelele ngenkxaso kwiNkonzo yoLondolozo lweMbali yePhondo. Loo nkxaso-mali mayinikwe liSebe kwimali ezivotelwe yiNdlu yoWiso-mthetho yePhondo (ngabasebenzi, ngezibonelelo ezisisiseko, ngezixhobo nezinye izibonelelo).

Injongo yeeNkonzo zoLondolozo lweMbali, phakathi kwezinye izinto, kukubonelela nokuququzelela imisebenzi yeenkonzo zamaziko olondolozo lwembali aphantsi kwesebe; ukumisa imigangatho elindelekileyo yamaziko londolozo lwembali nokubekwa emgangathweni kwemisebenzi echubekileyo; ukubonelela ngamathuba oqeqesho, ukwamkela izinto egameni lamaziko olondolozo lwembali aphantsi kwesebe, amaziko elifa lenkcubeko nemiqondiso eyazisa imisebenzi ethile kunye/okanye nokunika iingcebiso okanye ukunika uncedo njengoko kuchaziwe kwimisebenzi ebandakanya ubugcisa yeengcali namaziko aluncedo. Ezi zivumelwano kufuneka zityikitywe nguMphathiswa wePhondo okanye yiNtloko yeSebe.

Inkonzo yolondolozo lwembali kufuneka ibe nentsebenziswano okanye izivumelwano nee-arhente kunye namaziko olondolozo lwembali esizwe okanye neNkonzo yamaZiko oLondolozo lweMbali eSizwe exesha elizayo ukuze kubonelelwe ngeenkonzo ekwabelwana ngazo kumaziko olondolozo lwembali esizwe namaziko olondolozo lwembali aphantsi kwesebe eNtshona Koloni aza kuzuzana ngokufanayo. Ezo zivumelwano zentsebenziswano kufuneka zibhalwe phantsi kwaye kufuneka zibeke ngokuphandle imimiselo nemiqathango yentsebenziswano okanye yesivumelwano noxanduva leqela ngalinye.

INkonzo yoLondolozo lweMbali ingasebenzisana necandelo labucala, amaziko emfundo ezisisiseko, aphezulu nawemfundo ephakamileyo, kumasebe karhulumente, amaziko karhulumente, amaziko ophando aseMzantsi Afrika namaziko olondolozo lwembali aphantsi kwesebe eNtshona Koloni. Ezo zivumelwano zentsebenziswano kufuneka zibhalwe phantsi, zisayinwe ngamaqela aphambili kwaye kufuneka zichaze ngokuphandle imimiselo nemiqathango noxanduva leqela ngalinye.

Ukongeza, iNkonzo yamaZiko oLondolozo lweMbali inganesivumelwano sentsebenziswano neenkonzo zamaziko olondolozo lwembali zamanye amazwe emva kokudibana nephondo elifanelekileyo nabasemagunyeni kwisizwe abajongene nentsebenziswano yamanye amazwe kwezenkcubeko. Ezo zivumelwano zentsebenziswano kufuneka zihambe ngokwesakhelo sonxibelelwano namanye amazwe nezivumelwano eziphakathi koorhulumente bemimandla okanye norhulumente wesizwe ochaphazelekayo okanye ii-arhente zakhe. Ezo zivumelwano zizizo kufuneka zibhalwe phantsi, zisayinwe ngamaqela aphambili kwaye kufuneka zichaze ngokuphandle imimiselo nemiqathango yentsebenziswano noxanduva leqela ngalinye.

11. ISICWANGCISO-NKQUBO SAMAZIKO OLONDOLOZO LWEMBALI ENTSHONA KOLONI NOKUBA PHANTSI KWESIBE KWAMAZIKO OLONDOLOZO LWEMBALI

Amaziko aseNtshona Koloni anjongo ikukugcina nokuphakamisa inkcubeko nelifa lendalo ngokuthi alawule, aqokelele, aphande, alondolozwe aze aphicothe okufumaneka kumaziko olondolozo lwembali nokuqokelelelwa luluntu, bonke abo banezo njongo bakucelwa ukuba bazayamanise neNkonzo yoLondolozo lweMbali yeNtshona Koloni. Apho la maziko engavumi ukuba yinxalenye yeNkonzo yoLondolozo lweMbali awasayi kuvunyelwa ukuba aphakanyiswe 'njengamaziko olondolozo lwembali kwixa elizayo. Injongo yalo mqathango kukunika ingqinisekiso yomsebenzi onguwo kubatyeleli nakwabo banikezela ngezinto zeziko londolozo lwembali.

Ukunika isicwangciso-nkqubo sokuhlela amaziko olondolozo lwembali eziya kuba yinxalenye yeNkonzo yoLondolozo lweMwali, iSebe lona elinengqiniseko yokuba ukusebenza kunye kungaqinisekisa ukusebenza ngokwemiqathango yomgaqo-siseko nokusemthethweni kwaye oko kungadala intsebenziswano phakathi kwecala laseburhulumenteni, icandelo lelifa lemveli, icandelo labucala kwakunye namaziko emfundo.

Umthetho wamaZiko oLondolozo lweMwali weNtshona Koloni uza kumisa ixesha apho wonke amaziko aseNtshona Koloni kuyakufuneka ezibandakanye ngalo neNkonzo yoLondolozo lweMwali.

Amaziko olondolozo lwembali aya kubandakanyeka kwiNkonzo yamaZiko oLondolozo lweMwali aya kuba nomgomo/imigomo ephunyeziweyo ukunika umkhombandlela kokuqokelelwayo, okuboniswayo nemigaqo-nkqubo yophando. Nangona kunjalo umgomo okanye imigomo yeziko ngalinye mawube ngumgomo oquka uluntu lonke.

Amabhunga alawulayo kufuneka amkele indlela yokuziphatha, engumthetho-siseko onika isikhokelo ojolise ekuhlonipheni umthetho, imigangatho elindelekileyo nezikhokelo eziphathelele kumaziko olondolozo lwembali nokuthintela ungzuzulwano lwezinto abanomdla kuzo. Ayiloluhlu lwemithetho enokunyanzelwa, kodwa kukuqinisekisa isimo sokuziphatha kakuhle ngendlela elindelekileyo.

Amabhunga alawula amaziko olondolozo lwembali kufuneka aqwalasele ukwamkelwa kweziphondo, amalizo nezibonelelo (imali okanye olunye uhlobo) ngokwesikhokelo somgaqo-nkqubo kuphela ngokuqinisekiswa ngokuqulathwe kumxholo wabo, kumthetho wokulawulwa kwemali, kwisimo sokuziphatha nolawulo olululo nemisitho eyamkelekileyo ngenjongo ekujoliswe kuyo.

Amaziko olondolozo lwembali kufuneka, ngokweemeko ezithile kuphela, nalapho umngcipheko kufuneka ucuthiwe, wamkele uxanduva lwemboleko yexesha elide kwizinto ezenziwe ngabantu, kwizinto zokubonisa nakwizinto eziqokelelweyo kumaziko olondolozo lwembali ezingezizo ezabo, njengoko oko kunokubangela umngcipheko onzima nenkcitho kumabhunga olawulo malunga nokugcinwa, nokulondolozwa, nokhuseleko kwane-inshorensi. Oku akubhekiselanga kwimboleko yexesha elifutshane ngenjongo yemiboniso yexeshana ethile.

11.1 Amaziko oLondolozo lweMwali kaRhulumente wePhondo leNtshona Koloni

Kwezinye zee-asethi zeNdlu yoWiso-mthetho yePhondo leNtshona Koloni namasebe karhulumente ephondo nemibutho eyenza izinto ezithile zikaRhulumente, kukho nepropati engenakususwa, izinto ezenziwe ngabantu, izinto zenkcubeko, imiboniso nezinto eziqokelelweyo ezibonakalisa imbali yokuphuhliswa korhulumente owayeyikoloni, owayeyimbumba ngaphambili ngoku nguRhulumente weNtshona Koloni. Kucetywa ukuba ezi asethi zibe yinxalenye yezinto eziqokelelweyo zamaZiko oLondolozo lweMwali kaRhulumente wePhondo leNtshona Koloni ezibonakalisa imbali yelifa lenkcubeko nemizila yomsebenzi kaRhulumente wePhondo leNtshona Koloni.

11.2 Amaziko olondolozo lwembali ommandla

Amaziko olondolozo lwembali ommandla aza kusekwa kwimimandla ethile eNtshona Koloni, umz. kuMasipala ombaxa weKapa nakoomasipala bezithili abaseNtshona Koloni. Xa kuqwalaselwa iindawo ezikuzo neminye imiba, kungakwazeka ngenxa yeemeko ezithile, ukumisela amaziko olondolozo lwembali ommandla ingabi nye kumasipala wesithili okanye kuMasipala ombaxa weKapa.

Amaziko olondolozo lwembali ommandla kufuneka abonakalise ilifa lenkcubeko nembali yaloo mmandla nabantu abahlala kuwo (umz. imyuziyam yaseKapa). Iziko lolondolozo lwembali

lommandla lingasekwa apho amaziko olondolozo lwembali ayindibanisela kummandla othile amanyaniswa ukwenza iziko lommandla okanye apho izinto eziqokelelweyo zizinziswa khona ukubonakalisa ilifa lenkcubeko nembali yommandla lowo. Akukho njongo zokuba amaziko olondolozo lwembali akhoyo aza kuhlangukiswa ukwenza iziko lolondolozo lwembali lommandla aza kuvalwa, kodwa ukuba kuyavunyelwana ngabo bonke abachaphazelekayo kufuneka asebenze njengendawo axhomekeke kuyo amaziko ommandla. Umthetho wamaziko olondolozo lwembali wephondo uya kunceda ngokwazisa ngamaziko akhoyo ekuhlaleni ancedwa liphondo okanye ephondo nokutshintshwa kwawo abe yinxalenye yeziko lolondolozo lwembali lommandla. UMphathiswa wephondo uya kuqinisekisa ngendawo yala maziko ommandla.

Apho kuyimfuneko, nangokuvunywa nguMphathiswa wesizwe kwezobuGcisa neNkcubeko nalapho kuyimfuneko, uMphathiswa weMisebenzi yoLuntu neBhodi eLawulayo kumaziko olondolozo lwembali esizwe, izinto ezenziwe ngabantu, imiboniso, izinto eziqokelelweyo okanye amaziko olondolozo lwembali axhomekekileyo okanye ipropati engenakususwa ngoku eyinxalenye yengqokelela yezinto zeziko olondolozo lwembali lesizwe kunye nepropati engenakususwa ezilawulwa ngurhulumente wesizwe inokugqithiselwa kumaziko olondolozo lwembali ommandla amileyo.

Ubungakanani beziko lolondolozo lwembali buya kubonelelwa liSebe kumaziko olondolozo lwembali ommandla ukuqinisekisa ngeenkonzo ezifanelekileyo, ezaneleyo nezinoqoqosho ukulawula amaziko olondolozo lwembali nokulawula imali, ukulawula izinto eziqokelelweyo, imiboniso, iinkqubo zoluntu (kubandakanya iinkqubo zemfundo) neenkonzo zokwazisa nezokukhuthaza izinto.

Ibhodi elawula iziko lolondolozo lwembali lommandla kufuneka limelwe ngabantu bommandla nabathathi-nxaxheba balo. Amalungu achongiweyo kwibhunga lebhodi elawulayo kufuneka abenezakhono nobugcisa obufunekayo ukubonelela ngesicwangciso-qhinga neengcebiso kwiSebe nakubalawuli beziko lolondolozo lwembali.

Amaziko olondolozo lwembali ommandla aza kuhlangukiswa neNkonzo yoLondolozo lweMwali kunye namanye amaziko ukufikelela kwiinjongo zawo, oko kukubonakalisa ilifa lemveli nembali yommandla nabantu bayo.

Abasebenzi kumaziko olondolozo lwembali ommandla baya kuqeshwa liSebe baze basiwe kumaziko olondolozo lwembali ommandla ngokomthetho iPublic Service Act, ka-1994, njengoko ulungisiwe. Abasebenzi baya kunika iingxelo kumlawuli weziko lolondolozo lwembali, oza kuphendula yena kwibhodi elawula iziko lommandla.

Amaziko olondolozo lwembali ommandla aya kulawula ngokwemithetho esebenzayo yamaziko olondolozo lwembali nangokoMthetho iPublic Finance Management Act, woku-1 ka-1999, kwaye aza kuxhomekeka kuphicotho zincwadi olwenziwe nguMphicothi-zincwadi Jikelele. Ukusekwa kwamaziko olondolozo lwembali ommandla kuza kuqinisekisa iinkonzo zamaziko olondolozo lwembali ezifanelekileyo, ezaneleyo nezinoqoqosho zibonelelwa liSebe kubahlali baseNtshona Koloni. Oku kuya kuthintela ukuphindaphindeka okungeyomfuneko kweenkonzo eziyakuba ziindleko kwiSebe, njengeendleko zokuphicothwa kweencwadi.

11.3 Amaziko olondolozo lwembali oluntu

Amaziko olondolozo lwembali oluntu ziindawo ekugcinwa kuzo izinto ezineenkumbulo zoluntu, zilondolozwe kwaye zibonakalise inkcubeko etyebileyo nezinto ezahlukahlukeneyo zexesha elidlulileyo zokufundisa nezokonwabisa uluntu. Imigangatho nezikhokelo zemisebenzi yamaziko olondolozo lwembali oluntu kufuneka abandakanye oku kulandelayo:

- Ngokulondolozwa nokuboniswa kwezinto eziqokelelweyo, iziko lolondolozo lwembali loluntu lisebenzela uluntu kwaye liyinxalenye yobomi benkcubeko yaloo ndawo. Ngapha koko, iziko lolondolozo lwembali loluntu linenkxaso eluqilima kuloo ndawo.
- Amaziko olondolozo lwembali oluntu aphantsi kwesebe aza kuba nendima ebalulekileyo ekuzibopheleleni kuRhulumente wePhondo leNtshona Koloni ngokulondolozwa nokuboniswa kwenkcubeko eNtshona Koloni.
- ISebe liya kubonelela ngenkokhelo noncedo oluchubekileyo nolobugcisa kumaziko olondolozo lwembali asekuhlaleni. Kanti, akazukubopheleleka ukuba incedise amaziko olondolozo lwembali oluntu ngeendleko zemihla ngemihla kuloo maziko. Uncedo lweSebe kufuneka lwandise inkxaso eluqilima ebonelelwa luluntu ekuhlaleni kwimyuziyam yoluntu.
- Okona kutyhalwa koncedo lweSebe kumaziko olondolozo lwembali oluntu aza kuba kukuphucula umgangatho waloo maziko nokuqinisekisa ukuba inkonzo zamaziko olondolozo lwembali oluntu ezisandul'ukuzibandakanya ezintsha ziza kuzama ukugqwesa ekucwangciseni nasekuphuhliseni amaziko.
- Iziko lolondolozo lwembali loluntu kufuneka iphumeze indima yokusebenzela uluntu, kwaye noluntu kufuneka lulixhase. Kufuneka libe nengxelo echaza ngokucacileyo injongo yalo ngokubonisa kakuhle ingqiqo ngobukho balo, umgaqo-nkqubo obhaliweyo ngezinto eziqokelelweyo, indawo yokusebenzela eyaneleyo ukwenza iimfuno zalo, ibhodi elawulayo efanelekileyo, ukuqokelelwa kwezinto ezenziwe ngabantu, abasebenzi abaqeqeshiweyo, isicwangciso senkqubo eza kusa iziko lolondolozo lwembali eluntwini, ngokwenza njalo uluntu luxhase iziko. Uluntu kufuneka lukhuthazwe ukuba luxhase kwaye luthathe inxaxheba kwiinkqubo zeziko olondolozo lwembali. Abahlali abanezakhono ezithile nomdla kufuneka bakhuthazwe ukuba baxhase imyuziyam ngokuzivolontiya, neenkqubo zoqeqesho kufuneka zenziwe ukuze lisetyenziswe igalelo labo. Ibhodi elawula imyuziyam kufuneka ivelise indlela yenkxaso-mali kumaziko olondolozo lwembali kwizinga lasekuhlaleni, kuqwalaselwe ukuba inkxaso yephondo iza kubhekisela kwiiprojekthi ezithile rhoqo ngonyaka.

Izinto eziphambili ekuphumezeni loo nkqubo yenkxaso yephondo kumaziko olondolozo lwembali oluntu ziza kuqulatha oku kulandelayo:

- Inkxaso-mali yeprojekthi esuka kwiSebe eya kumaziko olondolozo lwembali oluntu efezekisa indima yawo yokuqokelela izinto zenkcubeko eNtshona Koloni zilondolozwe, ziboniswe kwaye kutolikwe oko kuqokelelweyo kwiindawo abakuzo ngokwesibonelelo segranti yonyaka yokwenza umsebenzi ngokubhekisele kwipesenti yenkcitho yophicotho zincwadi yonyaka ophelileyo.
- ISebe alisayi kwenza kubekho izibonelelo zokuphuhliswa nokugcinwa kwamaziko olondolozo lwembali oluntu kwiNtshona koloni. Kanti, iSebe liya kusayina izicelo eziya kwezinye ii-arhente zenkxaso-mali ukunika inkxaso yemali ukuphuhlisa amaziko akhoyo emyuziyam okanye yezifundo ezicetywayo zokuphucula amaziko emyuziyam okanye zokucwangcisa amaziko amatsha, nokujongana nemali nenzala yemali-mboleko ukuze kugcinwe kwaye kulungiswe izakhiwo zembali kunye/okanye ezakhiwo ezibalulekileyo njengemyuziyam.
- Uncedo lweSebe lwamaziko olondolozo lwembali oluntu iza kuba yindlela yeenkonzo ezichubekileyo, zobugcisa nezinika iingcebiso kubalawuli. Le nkxaso iza kubhekisela kwimimiselo yokufikelela ngokulinganayo neenkonzo ekwabelwana ngazo.

- ISebe liqwalasela ukuba amaziko olondolozo lwembali ommandla neNkonzo yoLondolozo lweMwali kufuneka zibe yimifuziselo emihle ebonelela ngenkokhelo nenkxaso kwamanye amaziko amafa enkubeko eNtshona Koloni. ISebe likhuthaza unxibelelwano nentsebenziswano namanye amaziko olondolozo lwembali namaziko amafa enkubeko, emfundo nawenza uphando kwimimandla, kumgangatho wesizwe nowamanye amazwe.

ISebe alizi kuba naxanduva lokuqesha abasebenzi beemyuziyam zoluntu njengoko oko iza kuba luxanduva labalawuli beemyuziyam zoluntu. Imigaqo-nkqubo yeSebe neenkqubo zalo malunga neemyuziyam zoluntu ziza kuba yinxalenye yeengxoxo eziqhubekayo phakathi kweSebe neemyuziyam zoluntu.

11.4 Amaziko olondolozo lwembali kamasipala

IKomishini yezeMali neyeMali kaRhulumenye kwiNgxelo yayo eNgeniswe ngowama-2012/13 kwiCandelo leNgeniso, ibonakalisa ukuba “amaziko olondolozo lwembali ngaphandle kwamaziko olondolozo lwembali esizwe” kwiShedyuli 5A sendawo yomsebenzi ngokoMgaqo-siseko wesizwe ngokomsebenzi owodwa osemthethweni wephondo. AmaPhondo aye asebenza ekusebenziseni amagunya awo omgaqo-siseko ngokulawula okanye ukuxhasa amaziko olondolozo lwembali. Nangona “amaziko olondolozo lwembali” angahlelwanga njengeenkqubo zoomasipala kwiShedyuli 4B okanye 5B, yoMgaqo-siseko wesiZwe, oomasipala benza imisebenzi efanayo (umsebenzi, njengamathala eencwadi, okumgaqo-siseko), obonakala njengenxalenye yomsebenzi wezokhenketho ekuhlaleni (indawo yomsebenzi kuShedyuli 4B). NgokweKomishini, akukho mthetho okanye msebenzi wesigqeba owenziwa ngamaphondo womsebenzi wamaziko olondolozo lwembali koomasipala. Njengoko amaziko olondolozo lwembali ingumba woorhulumente basekuhlaleni de uMgaqo-siseko wesizwe uqale ukusebenza ngo-1996. Uninzi lwamaziko olondolozo lwembali lusalawulwa kwaye/okanye zixhaswa ngoomasipala. IKomishini ithi amaziko olondolozo lwembali ayingomsebenzi uphambili, kwaye akukho zibophelelo koomasipala ukuba bawaseke okanye bawaxhase. Ukuba iPhondo leNtshona Koloni linikezela oomasipala umsebenzi ngokusemthethweni, liza kwandisa umsebenzi wabo. Ngoko ke, akukho kunyanzelisa ukuba kusekwe, kubekho okanye kuxhaswe amaziko olondolozo lwembali ngoomasipala. Kanti, ukuba umasipala ugqiba ukuba enze lo msebenzi, iPhondo liza kubeka umgangatho olindelekileyo wokulawula izinto eziqokelelweyo zamaziko olondolozo lwembali, iinkonzo zabatyebileli namaziko. Njengoko umsebenzi wamaziko olondolozo lwembali usegunyeni labo, naziphi na iindleko ezikhoyo iya kuba zezaloo masipala uchaphazelekayo.

Ngenxa yoku kungentla, amalungiselelo kumthetho omtsha wamaziko olondolozo lwembali ephondo leNtshona Koloni kufuneka ibe kukuxhobisa abo masipala baseNtshona Koloni banezo zinto ziqokelelweyo zobugcisa, izinto ezenziwe ngabantu kunye/okanye nemiboniso, okanye ukulawula nokuxhasa amaziko olondolozo lwembali ukuze abe nokwenza izibophelelo zawo kwabo banikele ngezi zinto koomasipala okanye kubanduleli bazo, ukulawula loo maziko olondolozo lwembali ngokwesakhelo soMthetho iMunicipal Financial Management Act, wama-2003.

11.5 Amaziko olondolozo lwembali abucala, ashishinayo namaziko athile

Uninzi lwamaziko olondolozo lwembali aseNtshona Koloni asenokuba ngamaziko abucala. Uninzi lwala maziko asekwengamaziko emfundo, umz. ukwenza ingqokelela yezifundo zaseyunivesithi; ngamacandelo abucala njengamaziko ayimbumba yoshishino okanye yokuqokelela izinto; okanye ngabantu abazimeleyo. Kweminye imiba, la maziko aba phambili ekutsaleni abantu basekuhlaleni nemimandla ngezinto eziqokelelweyo ezinexabiso nezizodwa neziqaqambisa amaziko oluntu elifa

lemveli. La maziko abucala, ayimbumba okanye anezinto eziqokelelweyo akaxhomekekanga kwinkxaso-mali karhulumente.

Ukuzibandakanya nesebe kwamaziko olondolozo lwembali kuya kwenza ukuba la maziko nabantu abathile afikelele kwiinkonzo ezinobuchule nezobugcisa kwiiNkonzo zoLondolozo lweMwali xa kuyimfuneko nalapho kuyimfuneko khona. Ngaxeshanye, iNkonzo yoLondolozo lweMwali iya kuvavanya ibek' esweni amaziko olondolozo lwembali abucala, ayimbumba nawoshishino ukuba ayahambelana na nemigangatho elindelekileyo nebekiweyo yamaziko olondolozo lwembali.

11.6 Amaziko elifa lemveli

Ukuze kubonelelwe ngamathuba kuluntu obelufudula luhlelekile noluntu olungakwazi kumisela okanye olungenandlela okanye amandla okumisela nokugcina amaziko olondolozo lwembali, kodwa olungathanda ukubonakalisa ilifa labo lemveli nembali yabo, iSebe liceba ukuqwalasela kwaye lenze ukuba amaziko amafa emveli abe phantsi kweNkonzo yoLondolozo lweMwali. Amaziko elifa lemveli ngamaziko enza umsebenzi omiselwe iziko londolozo lwembali. Akunyanzelekanga ukuba ibezezawo izinto okanye oko kwenziwe ngabantu kwaye ngenxa yoko akuzi kufuneka ukuba likukhathalele oku xa izinto eziqokelelweyo zingundoqo weziko lolondolozo lwembali. Kanti ke, amaziko elifa lenkcubeko ebeza kufikelela kwiNkonzo yoLondolozo lweMwali yaseNtshona Koloni ukuze akwazi ukwenza eyona ndima iphambili yokwazisa ngelifa lemveli, ngokufundisa nangezokhenketho. Amashishini avalekileyo nabanye abachaphazelekayo, amaziko, amaziko olondolozo lwembali neminye imibutho karhulumente kuza kufuneka abonelele ngoncedo oluyimfuneko nokuququzelela umsebenzi okula maziko.

Amaziko elifa lemveli asekiweyo aze alawulwa ngoomasipala aza kuxhomekeka kwizibonelelo ezifanayo ezibekelwe amaziko olondolozo lwembali oomasipala

11.7 Amanqaku okutolika ukukhuthaza ukhenketho lwelifa lemveli nolwenkcubeko

Ezokhenketho kwinkcubeko kunye/okanye nakwilifa lemveli kungachazwa njengotyelelo oluthathwa ukuze ubani abe namava ngendawo, ngezinto ezenziwe ngabantu, ngezinto eziqokelelweyo nangemisebenzi ebonakalisa amabali nabantu bexesha elidlulileyo neli sikulo. Kubandakanywa izinto ezinika umdla kwezembali, kwezenkcubeko nakwezendalo. Noxa ngokubanzi, le nkcazelo ibonakalisa ukuba umdla wezokhenketho kwinkcubeko nakwilifa lemveli ebandakanya jikelele utyelelo kwiindawo zembali nakwizakhiwo zembali zabucala, izakhiwo zee-ofisi, iihotele neendawo zokulala, kunye namaziko olondolozo lwembali, amaziko elifa lemveli neendawo ezinabantu abakhokela abatyeleli.

Ukuququzelela imibhalo etolika izinto okanye imiboniso kwiindawo zelifa lemveli eziseNtshona Koloni, kwiNkonzo yoLondolozo lweMwali, ngentsebenziswano nabo bathatha inxaxheba, bakwenza indima ekutolikeni iziza neendawo ukuze kukhuthazwe ezokhenketho kwezenkcubeko nakwilifa lemveli. Oku kungabandakanya iindawo zezikhumbuzo ezinokutolika ukubaluleka kwalo ndawo. Zombini i-Arhente yeziBonelelo zeLifa leMveli yoMzantsi Afrika (SAHRA) neLifa leMveli leNtshona Koloni (abasemaGunyeni kumaZiko eLifa leMveli leNtshona Koloni) kunye nabanikazi bezo ndawo, kufuneka bakhuthazwe ukuba babonelele ngentsebenziswano kulo mba. Abanye abathathi nxaxheba ababalulekileyo yimibutho yabucala yezokhenketho, abakhokela abakhenkethi nababhaliswe ngokusemthethweni, ushishino lwezothutho nabasemagunyeni kwezokhenketho ekuhlaleni, kwimimandla, kwiphondo nakwisizwe.

11.8 Ukuzibandakanya kwamaziko olondolozo lwembali esizwe akwimida yeNtshona Koloni

Xa iziko lolondolozo lwembali lesizwe likwimida yaseNtshona Koloni lifuna ukuba phantsi kweNkonzo yoLondolozo lweMwali, isicelo eso siya kuqwalaselwa ngokwamalungiselelo omthetho wamaziko olondolozo lwembali ephondo. Xa kungekho mgaqo-nkqubo namthetho kufuneka unxibelelwano oluphakathi kwamaziko olondolozo lwembali esizwe nalawo angengawo awesizwe kwiPhondo leNtshona Koloni lwenziwe ngokweWhite Paper yezobuGcisa, iNkcubeko neLifa leMveli, ka-1996. Oku kuya kwenziwa emva kokuba kunxityelelwane noMphathiswa weSizwe ojongene nobuGcisa neNkcubeko neBhunga lelo ziko lolondolozo lwembali lesizwe lichaphazelekayo okanye elo ziko lenkcubeko libandakanyekayo.

12. INKXASO-MALI

Kwimali yenkxaso evotelweyo kwiNdlu yoWiso-mthetho yeNtshona Koloni, iSebe, ngokoqingqo-mali lwalo lonyaka kwingeniso nenkcitho, liya kubonelela ngenkcitho enxulumene neNkonzo yoLondolozo lweMwali neyamaziko olondolozo lwembali ommandla.

ISebe kwakhona liya kwenza ukuba kubekho inkxaso-mali yeprojekthi kumaziko olondolozo lwembali aphantsi kwalo nakumaziko elifa lemveli kwiinkqubo ezithile okanye kwiiprojekthi ezithile ngokwezibonelelo ezikhoyo kusenzelwa le njongo.

Amaziko olondolozo lwembali aphantsi kwesebe kufuneka akhuthazwe ukuba abe nengeniso eza kuqinisekisa uzinzo nokufikeleleka okukuko. Oku kungabandakanya umgaqo-nkqubo wenkqubela ekufikeleleni obonelela ngentlawulo yokungena efanelekileyo nokunika ilungelo elithile nemvume kolunye uluhlu lwabatyeleli, umz. kumaqela esikolo ayela iinkqubo ezifundisayo.

13. ABASEBENZI KUMAZIKO OLONDOLOZO LWEMBALI

Kuya kubakho isiseko esitsha sabasebenzi esiza kwenzelwa iNkonzo yoLondolozo lweMwali nalo maziko olondolozo lwembali aya kuba nabasebenzi abaya kuqeshwa liSebe.

libhodi zolawulo eziqesha abasebenzi kufuneka zihlole amalungiselelo omthetho osebenzayo wabasebenzi.

14. UKUNIKA INGXELO

Iziko lolondolozo lwembali ngalinye eliphantsi kwesebe iya kungenisa ingxelo yonyaka kuMphathiswa wephondo ojongene neMicimbi yeNkcubeko nephantsi kweSebe. Ukuze kuxhaswe imimiselo yolawulo olululo, iingxelo zemali kufuneka zingeniswe nengxelo yonyaka. Ezi ngxelo maziqwalaselwe ngokukodwa ngumntu wabucala oqeqeshelwe lo msebenzi.

Amaziko olondolozo lwembali ommandla aya kuphicothwa nguMphicothi-zincwadi Jikelele ngokwamalungiselelo oMthetho iPublic Audit Act, umthetho 25 wama-2004.

15. AMATYALA NEZOHLWAYO

Umthetho wamaziko olondolozo lwembali wephondo leNtshona Koloni kufuneka ubonelele ngezohlwayo namatyala kwabo bophula umthetho. Oku kubandakanya nezohlwayo namatyala apho abantu baye bafunyaniswa benamatyala okuba kumaziko olondolozo lwembali okanye

ukuzama ukughekeza kumaziko olondolozo lwembali, okanye ukuthengisa okanye ukuzama ukuthengisa izinto ezenziwe ngabantu ezikumaziko olondolozo lwembali okanye nayiphi na into ekwiziko lolondolozo lwembali. Ziinjongo ezibonakalayo zeSebe ukuba izohlwayo zamatyala kufuneka zibe ngqongqo kunamalungiselelo omthetho oqhelekileyo ukuze kucuthwe izinga lokuzama ukuba izinto ezikumaziko olondolozo lwembali okanye nayiphi na into ekwiziko lolondolozo lwembali.

Ngapha koko, amalungiselelo kufuneka enziwe okulahlwa kwezixhobo ezisetyenziswa ekuzameni ukuba okanye ziphumeze ukuba izinto ezikumaziko olondolozo lwembali okanye nayiphi na into ekwiziko lolondolozo lwembali. ISebe liya kuzama ukubeka ixesha elifanelekileyo lokubanjwa kunye/okanye ukusebenzela uluntu ngokumiselwe ziinkundla zamatyala.

Umthetho uza kubonelela ukuba umantyi enze ukuba lo propati ibiweyo ibuyiselwe kwelo ziko lichaphazelekayo.

16. IMIGAQO NGOKUNGATHOBELI, UKULAMLA NOKUSONJULULWA KWEENGXWABANGXWABA

Isebe liya kwenza imigaqo yokujongana namaziko olondolozo lwembali aphantsi kwesebe angayithobeliyo imithetho, imigaqo-nkqubo nezicwangciso-qhinga. Amalungiselelo aya kwenziwa kwiinkqubo ezinxulumene nokungenelela okanye nokusombulula ingxwabangxwaba enokubakho phakathi kweSebe neqela elichaphazelakayo.

17. IMIBUTHO OKANYE ABAHLOBO ABARHUMAYO KUMAZIKO OLONDOLOZO LWEMBALI NAMAVOLONTIYA

Uluntu namavolontiyi baya kukhuthazwa ukuba baseke imibutho eza kurhuma eza kusebenza njengemibutho yokuxhasa amaziko olondolozo lwembali aphantsi kwesebe kwiinjongo neembono zayo. Loo mibutho, iya kuba nabameli kwibhodi elawulayo kwelo ziko lolondolozo lwembali liphantsi kwesebe lichaphazelekayo ngokubhekiselele kwinkxaso abayinikayo.

18. UKUBHANGISWA KOKUBANDAKANYEKA KWAMAZIKO OLONDOLOZO LWEMBALI

Malunga nawo onke amaziko olondolozo lwembali achaphazelekayo, uMphathiswa wephondo edibene okanye efake isicelo kwibhodi elawula elo ziko lolondolozo lwembali liphantsi kwesebe (ngaphandle kwamaziko olondolozo lwembali emimandla) ngokubhengezwa kwaye kuqalwe kuloo mhla uchaziweyo ngeso sibhengezo *kwiGazethi yePhondo*, uya kurhoxisa ubulungu nokuba phantsi kwesebe kwelo ziko lolondolozo lwembali.

Amalungiselelo kufuneka enziwe ukuba zonke ii-asethi, amalungelo, iimfanelo nezibophelelo zebhodi elawulayo eza kurhoxiswa, kufuneka irhoxiswe kwaye idibane ngokwendlela uMphathiswa abona ngayo, edibene nebhodi elawulayo okanye abanini zinto ezo zikwiziko lolondolozo lwembali. Umthetho wamaziko olondolozo lwembali ephondo mawubonelele ukuba izinto eziqokelelweyo zephondo ukuba zisiwe kwamanye amaziko olondolozo lwembali aphantsi kwesebe eNtshona Koloni okanye zigcinwe kwiNkonzo yoLondolozo lweMbali.

Kuqatshelwe ukuba iSebe liya kujongana nezinto eziqokelelweyo ezibekwe phantsi kweliso leNkonzo yoLondolozo lweMbali ngokomgaqo-nkqubo osele uphunyeziwe nguMphathiswa.

19. AMALUNGISELELO EENGUQULELO

Umthetho wamaziko olondolozo lwembali uya kuba namalungiselelo enguqulelo ebanzi ukubonelela ngotshintsho nokutshintshwa kwamaziko olondolozo lwembali akhoyo aphantsi kwesebe atshintshelwe kwisakhelo samaziko olondolozo lwembali amatsha acetywayo eNtshona Koloni. Ubunini bepropati enokususwa nengenakususwa nezivumelwano ezikhoyo ezisemthethweni ngokubolekwa kweengqokelela zezinto okanye ezinye izibonelelo ziya kuba yinxalenye yala malungiselelo otshintsho. Ngaxeshanye, iya kuvumela iNkonzo yoLondolozo lweMwali namaziko olondolozo lwembali afanelekileyo ukuba azinzise iinkcukacha ezimalunga nolawulo lwamaziko olondolozo lwembali nee-asethi zawo.

Abasebenzi abaqeshwe liSebe kumaziko olondolozo lwembali akhoyo ancedwa liphondo nezephondo, ngokuxhomekeke kwisivumelwano ekufikelelwe kuso phakathi kwamabhunga olawulo kumaziko olondolozo lwembali, baya kuqhubeka ukuqeshwa ngokoMthetho weeNkonzo zikaRhulumente iPublic Service Act, ka-1994, njengoko ulungisiwe. Ukuba kuyimfuneko ukuba abasebenzi baqeshwe kwiilokishi ezahlukeneyo, loo malungiselelo kuya kuboniswana ngawo ngokwamalungiselelo omgaqo-nkqubo ngokunxulumene nokusiwa kwamagosa akwiNkonzo kaRhulumente kwezinye iindawo.

2012-02-16



DRAFT WESTERN CAPE MUSEUM POLICY

1. INTRODUCTION

The Western Cape Provincial Museum Policy is based on a situational analysis entitled *Discussion Paper: Towards a New Western Cape Provincial Museum Policy*, undertaken in 2009–10 and published and distributed for public comment in April 2010. The document is available on the website of the Department at www.westerncape.gov.za/dcas.

